




Nceda abantwana bakho baphile ngokweenkolelo ezililifa lika-Nelson Mandela. Gqithisela ezinye zeenkolelo awayezilwela ngezi ziqendu zamabali amafutshane agxile ekunyanisekeni, kuvelwano nakuxolelwano.

Ukuchetywa kukaBhere

Ngomhla wokuzalwa kukaPhumeza xa wayeqqiba iminyaka emithandathu, uMama wampha unopopi webhere. UBhere wayenamehlo akhazimlayo, iinwele ezibala limdaka bugolide, impumlo encinci emnyama nomlomo ononcumo. Ngaphambili kwivesti yakhe ebomvu kwakubhalwe ngamagama amakhulu abomvu oku: NDIYAKUTHANDA. NCEDA UNDITHANDE.

Naphi na apho aya khona uPhumeza, wayehamba naye uBhere. UPhumeza wayemthanda uBhere phantse ngokufanayo nendlela awayethanda ngayo uThobeka. UThobeka wayengummelwane wakhe oneminyaka emihlanu, kwaye wayengoyena mhlobo wakhe usenyongweni. Ngenye imvakwemini, uMama wayenze idinga nendawo awayeza kuya kulungisa kuyo iinwele. UPhumeza noThobeka bakroba ngefestile ngethuba umlungisi-zinwele echeba iinwele zikaMama. UThobeka wayengoyena unomdla kakhulu yile nto bayibukeleyo. Wayebukele ngobunono ngethuba umlungisi-zinwele echeba iinwele ngesikere esibukhali okwencakuba ephecephece. Yonke le nto yayibonakala ilula kakhulu, kwaye inomdla.



Emva koko, uPhumeza noThobeka noBhere badlala eyadini. Kuthe emva kwethuba uThobeka wabaleka wangena endlwini. Wabe wabuya, ephethe ngobunono isikere sikamakhulu wakhe.

“Ndingazicheba iinwele zakho?” wabuza kuPhumeza.

“Hayi namhlanje,” waphendula watsho uPhumeza.

“Ndifuna ukugoduka ngoku.”

“Hayi ke ndiza kuya kucheba ezikamakhulu wam,” watsho uThobeka, sele ebaleka ukuya kukhangela uMakhulu wakhe.

Umbhalu: Nola Turkington

Umzobi: Joseph Mugisha



Wabe ke noPhumeza sele etsiba ucingo egoduka ... engakhange aqaphele ukuba uBhere umshiye ngasemva echophe elucingweni. Wathi akufika endlwini uThobeka, wabe uMakhulu exakekile, ethetha kwiselifowuni yakhe, waza uThobeka akafuna ukumphazamisa uMakhulu. Ubhuti kaThobeka yena wayelele, waza ke woyika ukumvusa.


“Ingaba NDINGACHEBA iinwele zikabani bethu?” ibhadule yenza njalo ingqondo kaThobeka.

Ngaphandle, kwaqalisu ukukhonkotha kwenja enguLotto. Ehamba ejiwuzisa isikere sikaMakhulu njalo, uThobeka wehla ngamanqwanqwa angasemva esiya kuye. ULotto wathi ukuba athi ntla kanye nje ngeso sikere, wathi ngqe ukubaleka esihla ngendlela, umsila wakhe ewufake phakathi kwemilenze luloyiko.



NguBhere kuphela owayeshiyeke apho, ebambeke elucingweni lwegadi.

Yiba lilifa elingunaphakade: uxolelwano



UThobeka wamthatha uBhere wamsingatha. Centu, centu, centu, sadla isikere. Isihlwithi esikhulu seenwele ezibala limdaka bugolide sathi saa emgangathweni. Wabuya umva ngelifuna ukubuka le nto. Owu, owu! Nalo itshanda elikhulu kumphezulu wentloko kaBhere. Kwangoko uThobeka waziva ekhathazekile. "Yambi ke le nto," uvakele ecinga njalo. "Imbi kakhulu. Ingaba bethu uPhumeza uza kucinga ntoni?"



Kanye ngelo thuba, wathi gqi uPhumeza ebaleka eze kulanda uBhere. Wanga uza kumelwa yintliziyu akuthi ntla ngalo mbono.

"Wenza ntoni? OWU HAYINI BO! Uchebe iinwele zikaBhere! Khawujonge nje le nto uyenzileyo! Yhini le imbi kangaka!" Phambi kokuba abe angathetha nelizwi elinye eli uThobeka, uPhumeza wamxhwila uBhere wambamba ngomlenze omnye wakhwaza esithi, "Andisayi kuze ndikuxolele. AWUSENGUYE umhlobo

wam wenene kwaphela!" Wemka wahamba enomsindo ngokoyikekayo.

UThobeka waziva ekhathazeke kakhulu. Wasiphindisela isikere sikaMakhulu kwikhabhathi yasekhitshini. Waze wabaleka waya ezantsi kwegadi, wafika waziqhushseka kwindlwana encinane yeenku. Wazimela apho yonke loo mini, ekhathazeke kakhulu kangangokuba wayengenamdla wakuphuma apho. Ubhuti kaPhumeza wayekhwele ibhayisekile edlula apho. "Whee Thobeka! Uphi?" Wayehamba ekhwaza esitsho uBen. "Ndivile ukuba ucheba iinwele zabantu namhlanje. Ungeza kundicheba nam?"

UThobeka akazange amphendule. UBen wedlula ngebhayisekile yakhe, ehleka. Ngokwesiqhelo uThobeka ebedla ngokungamhoi uBen xa emqhula. Kodwa ngale mini walila. Ngobo busuku, wathi uPhumeza xa elungiselela ukulala, waphulula inkqayi kaBhere. "Usizana olunguBhere, iinwele zakho azisayi kuze ziphinde zikhule kwakhona," utshilo.



UPhumeza akazange akwazi ukulala. Wayenentliziyo ebuhlungu ngenxa yeenwele zikaBhere, kwaye ngaphezulu, intliziyo yakhe yayisuka ibe lihlwili ngakumbi xa ekhumbula inkangeleko yobuso bukaThobeka. Wayemana ukuguquguquka ejonga ngapha nangapha kumandlalo wakhe, de ekugqibeleni wabugquma ubuso bakhe ngomqamelo. “Bendingafanelanga ukuba ndimngxolise ngoluya hlobo uThobeka. Bendibona ukuba naye sele ekhathazekile kakhulu ngokuya. Ndithethe izinto ezimbi kakhulu kuye.”


UPhumeza wacinga mhla uMama wamnika amaqhekeza amabini ekeyiki, elinye ilelakhe elinye ilelikathobeka. Phambi komhlobo wakhe lowo, wasuka wawatyayedwa omabini loo maqhekeza ekeyiki. UThobeka wamxolela yena, waza wagqiba ekubeni angamxeleli uMama ngomona kaPhumeza. UPhumeza wacinga ngomthandazo osoloko usenziwa rhoqo ekhayeni lakhe omalunga nokucela uxolo kuThixo. UPhumeza waziva eneentloni. Wayengaziva mnandi konke ngento eyenzekileyo.

Kanye ngelo thuba – nkqo, nkqo – mntu uthile wayenkqonkqoza kancinane efestileni. UPhumeza wavuka wee qwa. Wayesoyika kakhulu. Ngelizwana elincinci waphendula esebeza esithi, “Ngubani lowo?”

“Ndim – uThobeka.”

UPhumeza watsiba ukuphuma oku ebhedini. Wabaleka waya kuvula ifestile. UThobeka wayengcotshile ekroba efestileni, ebambelele kwiintsimbi zokhuseleko ezakhelwe kwifestile leyo.

“Ndicela uxolo ngokucheba iinwele zikaBhere. Andikhange ndicinge kakuhle ngeziphumo zezenzo zam. Nceda, nceda wethu undixolele.”



UPhumeza wamanga umhlobo wakhe wenene, ethubelezisa iingalo zakhe kwiimbobo zeentsimbi zokhuseleko.

“Ndikuxolele kudala, kwaye ndicela uxolo kakhulu ngokukungxolisa, nokuthetha izinto ezimbi kuwe.”


Ancokola ke apho amantombazana, wade uThobeka wadinwa akabisakwazi ukubambelela kwiintsimbi zokhuseleko ezikwifestile.

“Phambi kokuba ndihambe,” watsho uThobeka, “ndimphathele isipho uBhere.”

“Sisipho sini?”

“Umnqwazi wewulu obomvu, endandiwlukelwe nguMakhulu kubusika obudlulileyo. Uza kuyigquma intloko kaBhere, futhi uza kuhambelana nevesti yakhe ebomvu.” Kwaba njalo ke ngokwenene, yogqumeka intloko kaBhere.





Yenza ibali linike umdla!




Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elithi, **Ukuchetywa kukaBhere**, zamani ukuxoxa ngezi zinto.

- ★ Ucinga ukuba kutheni uPhumeza equmbe kangaka akubona indlela uThobeka azichebe ngayo iinwele zikaBhere?
- ★ Ingaba wakhe wayenza into eyenza omnye umntu waqumba, nangona ubungazimiselanga kumqumbisa? Yabelana nathi ngento eyenzekayo kwelo bali lakho.
- ★ Buza imibuzo eneependulo eziphangaleleyo (le yimibuzo ayinampendulo inye ichanekileyo okanye engachanekanga, koko

ingaphendulwa ngeendlela ezohlukileyo). Umzekelo:

- ~ Kuthetha ukuthini ukuxolela omnye umntu?
- ~ Ucinga ukuba uPhumeza wenza into elungileyo ngokuxolela uThobeka? Kutheni uvuma okanye usala?
- ~ Ingaba kulungile ukusoloko sibaxolela abantu abasenza izinto ezisicaphukisayo okanye ezibuhlungu? Kutheni uvuma okanye usala?



Malunga noNal'ibali

UNal'ibali, ontsusa yakhe isekusondezeni abaphulaphuli ukaza kumamelia ibali, liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa. Injongo yalo kukuvuselela nokwendelisela inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela, ukuze ukufunda, ukubhala nokwabelana ngamabali – ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika – kube yinxenyen yobomi bemihla ngemihla.



Abantwana abangqongwe kokuprintiweyo
nabathabathekayo ngamabali amnandi abhalwe ngeelwimi abazaziyo, babanokufuna ukwazi ngakumbi, bazithembe baphembelelele ekufundeni.

Aba bantwana ibangabafundi bokwenene, kwaye oko kubenze baqhube kakuhle esikolweni kuzo zonke izifundo. Amabali aphuhlisa isigama, omeleze ukukhumbula, aze akhulise intelekelelo, ingqikelelo nemifanekiso-ngqondweni yabantwana.

Ukususela ngonyaka wama-2012, uNal'ibali usebenzisene namaqabane ohlukaneyo avela eburhulumenteni, kuluntu ngokubanzi kwakunye naworhwebo ukuqinisekisa ukuba wonke umntwana waseMzantsi Afrika ufumana amathuba okuthandana neencwadi kune namabali. Amaqabane esasungula nawo eli phulo aquka: iDG Murray Trust, iPRAESA (Project for the Study of Alternative Education in South Africa) kumye neTiso Blackstar (eyayisakuba yiTimes Media). UNal'ibali uncedisa ekukhuliseni nasekwaluseni isizwe sabantu abafundayo ngenkxaso yakhe ayishumayezayo, ngoqequesho nangezixhobo zokufunda zodidi oluphezulu.

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye ungasebenzisa nayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: